Imbongi ye Sizwe-Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (01 September 1925), page 4

**A! Zweliyazuza!**

Unyana wekumkani ude walishiya elakowetu lase Afrika ese Zantsi, yekoko ukusinga kwelase Melika ese Zantsi, apo akona siteta nje. Umke pakati kwetu kumnandi kuti nakuye, yekoko ukugoduka. Lemigc[a]na yeyokulandelisa[1] imibuliso sisiti:—

Ngubanin' ongevanga,
Ukufika kwenyashaza?
Ngubanin 'ongayibonanga
Inqanaw' engwevu mhlope?
Int' emavi[l]' angxavula
Ngati ngawe bokuv[a]?
A,—Zweliyazuza!
A,—Zweliyazuza!

Wakupat' umkonto mtaka Tikoloshe,
Ubonanj' uyazondw' ezilalini!
Nawe mtaka Mpundulu ndiyahleba,
Wasakuluty' ubisi wakulupiwa,
Zinkul' int' ezibungwayo ngawe;
Nasakundidiza ke manen' akowetu,
Kumhla ndingagxotwa kwelako wetu,
Ndingabulawa kwelasema Xoseni!
A,—Zweliyazuza!
A,—Zweliyazuza!

Mtateni maz' aselwandle!
Mtateni siyamnikela.
Simnikel' epilile;
Kangangokwet' ukuqondana;
Kade sigilana ngezifuba,—
Neziqosho zama Bulukazi.
Kade sixentsa sijakuja,—

[1] yeyokulaudelisa

Nama Swazikazi.
Kade sitet' ilwimi ngelwimi,—
Nama Xosakaz'.
A,—Zweliyazuza,
A,—Zweliyazuza.

Ndiyitandil' intet' esi Bulu
Imnand' ekulweni nasekutukeni;
Ndiyitandil' intet' [e]s[i] Xosa
Imnand' engxoxweni nangoku zatuza.
Kant' eyakowetu yesi Ngesi,
Imnand' erangqeni, nokuncokolisa.
A,—Zweliyazuza!
A,—Zweliyazuza!

Ntak' ezito zilubelu yapesha kolwandle
Esiva ngay' ukub' ilizwe liyangqunga,
Sive kwangay' uba kuyalunga.
Cikilishe libomvu ngemilenze,
Liyitata pin' imbola liyinyoka nje?
Mpondo zepela ziyapalapala,
Zezomzond' ezinama nqanam.
A,—Zweliyazuza!
A,—Zweliyazuza!

Hamb' ugoduke "silo sika Mhlola."
Silo sika Mhlola kweminy' imi Hlola!
Atsh' ama Afrik' ukukugodusa.
Ndlov' edl' igoduka! Ndlov' edl' igoduka!
Ngweny' enga[n]genwa z[e]mbe.
Tol' lo Mtony[a]ma[2]
Tol' le Britani,
Lo Britan' enkul'engatshonelwa langa!
A,—Zweliyazuza!
A,—Zweliyazuza!

[2] *Mtany ma*

Ncincilili.

Thol' le Britani,

Lo Britan' enkul'engatshonelwa langa!

A,—Zweliyazuza!

A,—Zweliyazuza!

Ncincilili.